



AMABHINQA KWEZEMIDLALO NOLONWABO

Ambalwa amabhinqa athatha inxaxheba kwezemidlalo nezolonwabo. Umlinganiselo wokuzibandakanya kwawo emidlalweni ungaphantsi kwama-50% kunalowo wamadoda. Kungoko ke kubalulekile ukukuqwalasela ukungalingani okukhoyo ngokuthi kwenziwe amathuba amiselweyo aza kukhuthaza uthatho-nxaxheba kuzo zonke izinto ezihambelana nomdlalo.

Kubonakala ngathi kumantombazana ezikolweni ukuya kumantombazana ngokubanzi nakubafazi kukho ukuqobeka okuthile ekuthatheni inxaxheba ngokuzibandakanya kwiiklabhu zemidlalo.

UMNQOPHISO

Ukukhuthaza nokulungiselela ukuba abafazi namantombazana abe nentatho-nxaxheba kwiinkqubo zemidlalo nakwezolonwabo.

UMBONO

Kukuthunza ukuthathelwa ingqalelo kwendawo akuyo amabhinqa ngokuphathelile kwezemidlalo nakwezolonwabo ndawonye nokukhuthaza amabhinqa ukuba azibandakanye ngokuzimisela kuzo zonke izinto ezingemidlalo nolonwabo.

IMIMISELO ENGUNDOQO

Eli Sebe likhuthaza ukuba amabhinqa athathe inxaxheba ngokuzimisela emidlalweni, likwakhuthaza nolawulo lwalo ndawonye neekomiti zalo ngokwezi zicwangciso-qhinga zilandelayo:

ISEBE leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

UMBONO

Igqiza elizimiseleyo elijongene nokuziswa kweenkonzo ezisemgangathweni ebantwini esibasebenzelayo.

UMNQOPHISO

Ukukhuthaza kwanokwenza inguqu kwezemidlalo ukwenzela intlalo yabantu esibasebenzelayo ibe ntle kwaye babe yimbumba.

IMIBA ENGUNDOQO

- Ukusetyenziswa kwezibonelelo ngokufanelekileyo, ngengqiqo nangendlela enoqoqosho xa kuziswa iinkonzo ezisemgangathweni.
- Ulawulo olufanelekileyo lwequmrhu
- Ulungelelaniso olufanelekileyo nentsebenziswano phakathi kwawo onke amahlakani ethu
- Ukuzibona njengeengcali kwanokunyusa umgangatho kwimisebenzi yethu
- Ukulithengisa eli Phondo libonwe njengobindi wezemidlalo woMzantsi Afrika nowe-Afrika iphela
- Ukuba namacebo neenkqubo zokucwangcisa ezifanelekileyo
- Ukulenza iphulo leBatho Pele lisebenze kakuhle
- Ukuseka igqiza
- Ukufaka igxalaba ekumanyeni abantu beli Phondo

ISEBE leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
Tsalela ku-0860 142 142

www.westerncape.gov.za/cultureandsport



Department of Cultural Affairs and Sport
Departement van Kultuursake en Sport
Isebe Lemcimbi yeNkcubeko NeMidlalo



www.westerncape.gov.za/cultureandsport



UKUKHUTHAZA AMABHINQA ATHATHE INXAXHEBA NANGAKUMBI EMIDLALWENI

- Ukusetyenziswa kweembaleki eziziimbaldasane emicimbini.
- Ukukhuthaza ulingano ngokwesini kwimibutho eselulawulweni, intatho-nxaxheba, ukwenza imisebenzi esemagunyeni nokuqeqesha kuyo yonke imidlalo.

UKUKHUTHAZA IMIDLALO ANOKUTHATHA INXAXHEBA KUYO AMABHINQA

- Ukwazisa ngemidlalo abazibandakanya kuyo amabhinqa.
- Ukuthundeza imibutho ilikhulise nge-10% inani lamababhinqa athatha inxaxheba kuzo zonke iinkalo zemidlalo ngonyaka ngamnye. Oku kuhambelana nesivumelwano se-Olimpiki esamkelwa lihlabathi lonke.

UKUKHUTHAZA NOKUSEBENZISA IIMBALEKI EZIBHINQILEYO EZIZIIMBALASANE EMIDLALWENI

- Ukusetyenziswa nokukhuthazwa kweembaleki eziziimbaldasane kwiinkalo zemidlalo.
- Ukusetyenziswa kweemagazini ukukhuthaza ezi mbaleki.
- Ukuzenza zibe namava ngakumbi iimbaleki ezidumileyo ezibhinqileyo ngokuziqhelanisa nesidlangalala.

UKUWENZA AMABALA NEENKQUBO ZIFIKELELWE NGAMABHINQA

- Ukwenza amalungiselelo eenkqubo ezithile kwanezilungele ukuba amabhinqa athathe inxaxheba.
- Ukuthundeza nokukhuthaza ukwenziwa kwamaziko agcina abantwana kwezi ndawo kwenziwe neenkqubo ezithile. Oku kudala namathuba emisebenzi kwababhinqileyo.

UKUWABANDAKANYA NANGAKUMBI AMABHINQA KUBUNKOKELI KWIZIKHUNDLA EZIMAYELA NEZEMIDLALO NEZOLONWABO

- Kukuzama kwanokwenza amalinge ezifundo noqeqesho ukuze kuxhutyiswe amabhinqa kwizikhundla ezinobunkokeli phakathi khon' ukuze amelwe kwiikomiti njengoomanejala, abaqeqeshi bezemidlalo kwanamagosa.



UKUSEKWA KWEYUNITHI YOOTITSHALA ENGEMFUNDO YOKUVONYA IMIZIMBA

- Kukukhangela ootitshala abaya kumisa iinkqubo zoxokomezelo (bridging programs) phaya ezikolweni ukukhuthaza amantombazana aselula ukuba athathe inxaxheba emidlalweni.

UBADLALI NDIMA

- *Yimibutho apho amabhinqa angashiywanga ngasemva khona kwanabo benza amabhinqa akwazi ukufikelela kwiinkalo zemidlalo ethile.*
- *LiSebe lezemiDlalo noLonwabo.*
- *NgooMasipala abaya kubonelela ngamabala/amaziko ezemidlalo nolonwabo.*
- *LiCandelo elizimeleyo nabanikeli bezemidlalo nolonwabo.*
- *NgamaJelo eendaba*
- *NgamaQumrhu aBafazi*
- *YoMibuho eZimeleyo (NGOs)*
- *YiForam yezemiDlalo yeNtshona Koloni*

UBONELELO NGEMALI

Inkxaso-mali ikhutshwa liSebe lemiDlalo noLonwabo kusenzelwa iinkqubo ezilungiselelwe liSebe eli.

